*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*ULonwabo*
Illustrated by Sarah Rose de Villiers
Written by Mihlali Kumalo
Designed by Zandile Maxet Makina
Edited by Linda Nelani
with the help of the Book Dash participants in Grahamstown on 12 November 2016.

ISBN: 978-1-928377-20-7

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

ULonwabo wayeyinkwenkwana
eneminyaka elishumi.



ulonwabo_interior.indd 6 2019/01/16 8:09 PM

Wayehlala nomama nomakhulu wakhe kwikhaya labo kuQoboqobo.



Umakhulu wakhe wayenesitiya
semifuno esasichume kakhulu.





ulonwabo_interior.indd 8 2019/01/16 8:09 PM

Wayencedisa umakhulu wakhe ngokunkcenkceshela imifuno ahlakule esitiyeni.



Into eyayimhlupha yayikukuthutha amanzi okunkcenkceshela emlanjeni. Wayengonqeni koko wayehlutshwa ngabahlobo bakhe ababesoloko bemhleka xa esihla iqhina esiya emlanjeni.



Ngelixa abahlobo bakhe bedlala ibhola yena wayasehla enyuka elo qhina eyokukha amanzi onwabile. Babemhleka bekhwaza besithi "Ngumsebenzi wamantombazana lowo asoze senze loo nto thina."



ulonwabo_interior.indd 11 2019/01/16 8:09 PM

Wayengabananzi, wayebahleka anikine intloko aqhubeke nohambo lwakhe.





Wayesoloko ecinga ngendlela awayeziva ngayo xa ephakathi kwisitiya eso sakhe nomakhulu wakhe. Wayeba nolonwabo olumenza alibale tu ngabahlobo bakhe.

Wayenukiselwa livumba elimnandi lomhlaba ovundileyo, abukele namaggqabi esipinatshi xa engamaphekepheke.



ulonwabo_interior.indd 14 2019/01/16 8:09 PM

Isidlo awayesonwabela kakhulu yayisesasemini. Sasiphekwa ngumakhulu wakhe ngelixa yena esesikolweni. Umama wakhe ephangele.

ulonwabo_interior.indd 18 2019/01/16 8:09 PM

Wayefika ukutya kwakhe kuphezu kwetafile.

ulonwabo_interior.indd 20 2019/01/16 8:09 PM



Akugqiba ukukhulula iimpahla zesikolo wayehlala phantsi enze umthandazwana omncinci akugqiba atye.



ulonwabo_interior.indd 22 2019/01/16 8:09 PM





Umakhulu wayepheka iintlobo-ntlobo zezidlo; indyandya, isophu, umxhaxha, umqa nezinye izidlo angazange wambona umama wakhe eziphekela isidlo sabo sangokuhlwa.



Wayezonwabela uLonwabo izidlo zakhe ze athi xa egqibile ahlambe isitya sakhe athathe isitulo, iphepha kunye nepensile, ahlale ecaleni kukamakhulu.

Wayembuza umakhulu wakhe ngezithako zeso sidlo awayegqiba ukusitya aze abhale phantsi ngonononophelo zonke iinkcukacha.



ulonwabo_interior.indd 25 2019/01/16 8:09 PM

Wayezixelele ukuba xa emdala uza kuzivulela eyakhe irestyu.



Uza kuyithiya irestu leyo ngegama likamakhulu wakhe aze apheke zonke izidlo umakhulu wakhe awayemphekela zona.



ulonwabo_interior.indd 27 2019/01/16 8:09 PM

